# IINKQUBO ZOLONDOLOZO LWENDALO KWIMUZIYAM ZOBUGCISA

Noni Sipuye

ENVIRONMENTAL AWARENESS IN ART MUSEUM PROGRAMMES

The article describes the visits of Xhosa-speaking primary school children to the National Art Gallery in Cape Town. Art was used as a medium of promoting environmental concern with trees as the major focus. This was followed up by the planting of trees by the children.

Ukusuka ngo 1983 ukuya ngo 1984 akuzange kubekho bantwana bantsundu behambela egalari, kanti abantwana abangama-560 bebala abasuka kwizikolo ezilishumi elinanye ngabo kuphela abatyelela iGalari. Ngomnyaka ka-1985 icandelo lezemfundo ladibana neenqununu zezikolo zabantwana abantsundu apho bathi babona ukuba luyimfuneko engamandla uncedo lwezemfundo lwaba bantwana. Ukungabikho kwemali kwenza ukuba icandelo lezemfundo linyine utyelelo laba bantwana ukuba beze kanye ngenyanga, nangona iinqununu zazifuna ukuzisa abantwana abangaphezulu kuma-60, inani elo elalinokonela kwibhasi eqeshiweyo. Ngenxa yezandla ezishushu zabakwa-Shell, Mobil ne Friends of the S.A. National Gallery benza ukuba amanani otyelelo lwabantwana abantsundu ande kakhulu ngxena yenkxaso yabo.

Ezilokishini ulondolozo lwahluke mpela nakwindawo ezikwimimandla ekhuselweyo ehlala abelungu. Abantwana basezilokishini bakhula benolwazi oluncinci malunga nokulondoloza indalo. Ngaxesha sathi saba nomboniso othi *Maze – Discovering Art through Animals* safumana ithuba lokuba sandise ukuqonda kokukhathalela ulondolozo.

Iqela labantwana abanga-60 lohlulwa kubini, ze isiqingatha sabo sayokuboniswa umboniso owawubizwa ngokuba yi-*Maze – Discovering Art through Animals* owawuboniswa kwigalari i-Annexe. Emva koko bathi bathatha inxaxheba kwiworkshop. Esinye isiqingatha satyelele e-Galari apho babejonga imifanekiso epeyintiweyo yedolophu neyasemaphandleni. Le mifanekiso ilandelayo yiyo eyathi yacatshulwa ukuze baqwalasele imithi kuyo i-*City Hall* nguGwelo Goodman, i-*Landscape with Thorn Trees* ka Adolph Jentsch kunye ne *Landscape* ka Alfred Krenz. Baxelelwa ukuba baqwalasele ngamandla kule mifanekiso ukuze bafumane iindidi semithi. Sathi sadibanisa ubugcisa nolondolozo ngokuthi abantwana bajonge kumfanekiso kaGerard Sekoto othi *Street Scene*. Njengegcisa elimnyama yena wathi wapeyinta idolophana ayaziyo. Abantwana babuzwa imibuzo malunga nalomfanekiso abthi babanakho ukubona umahluko phakathi kwawo neminye ababeyibone kuqala.

Emva kokuba bebone le mifanekiso bathi banikwa amaphepha necrayoni ukuba bazizobele eyabo imithi.
Emva kokuba begqibile ukuyizoba yaqatywa ngedayi yaza yasikwa emva koko yancanyathiselwa kwibhodi eyayinokuba ngumboniso wasedongeni okanye isetyenziswe njengesijingi sangemva xa kusenziwa umdlalo. Ekupheleni kotyelelo ootitshala banikwa ii-poster ukuze bazixhome emagumbini okufundela okanye kumadonga esikolo. Bafumana netreyi yezityalo zomthi weCherry wase

*Continued on p. 32*



FIGURE 1 *A class exploring a landscape which was woven by Margurite Stephens from a painting by Andrew Verster.*